# Ufudo nentonga

## Imibuzo phambi kokufunda


1. Uyalwazi ufudo? Luhlala phi?
2. Ingaba ufudo luyakwazi ukubhabha?

Ngenye imini kwilizwe elikude abantu bakhona babona umbono. Kwakusemini emaqanda kutshisa ilanga ligqatse ubhobhoyi. Babona esibhakabhakeni kudlula ihobe, ufudo kunye nokhozi. Zonke zazibambelele entongeni enye ngemilomo yazo.



EXTRACT PAGES

Kuthetha ukuthini: ilanga laligqatse ubhobhoyi?



EXTRACT PAGES

Oonondaba bangelo xesha bawufota loo mbono. Amaphephandaba agcwala indawo yonke ethengwe ngabantu abangawubonanga loo mhlola. Koonomathotholo abasasazi babethetha ngesi sihelegu. Abafazi abaya emlanjeni baziqubuda iiemele bekhuza beqhwaba izandla.

Iindaba ezisematheni ulutsha lwanamhlanje luziva phi?



Azipheli izimanga. Mina ndabona inja iphethe ithambo ekwakubonakala ukuba linencasa. Nantso ibaleka nalo ifuna ukuya kulityela kude. Yaya inkcunkca emlanjeni ilibambe ngamazinyo ithambo layo. Yothusa abafazi ababenqumla emlanjeni apho besiya kutheza ngapesheya. Bathi xhungu bayijonga.

Bothuswa yintoni oomama ababesiya kutheza?

EXTRACT PAGES



Ithe yakugagana namanzi omlambo yothuka yabanda. Yabona enye inja phakathi emanzini yanovalo yoyika. Yesuka yee lakugu ngaphesheya komlambo yakhe yahlala phantsi ithoba umbefu. Ngelo xesha ithambo lisesemlonyeni. Icinge ukuthi ingathini ukothuswa ngumntu wakubo, bayafana nje bakhonkotha ngokufanayo kwaye yonke into bayenza ngokufanayo.

EXTRACT PAGES

Ibizwa ngokuba yintoni ingxolo eyenziwa yinja xa ifuna ukuluma umntu?



Ibuyele emanzini isaliphethe ithambo. Ngeli ilixa yazixelela ukuba iza kukhe imothuse nayo uSonja lo. Eneneni ibuyele emanzini uSonja wathi gqi ephethe ithambo njengakuqala. Kweli ke ityeli inja yanomona yalibona ngathi linenyama eninzi elaa thambo likaSonja kuneli layo Yakhonkotha ifuna ukuba uSonja alilahle aze kulichola yena. Kwathi kanti akawuchananga umhlola.

Igama elithi ‘uSonja’ lisixelela ntoni ngale nja ibonwe yile iphethe ithambo?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Uthe nje ukuba avule umlomo akhonkothe laphuncuka ithambo kuye latshona emanzini. Wabhekabheka wangathi ubethwe ngumbane kukothuka. Lathi dyumpu emanzini ithambo. Bekungekho Sonja ngandawo ibisisithunzi sakhe unkabi. Uthe umonela umntu wakubo kanti uyazimonela. Ukubawa okungako kwamfaka engxakini.

Yamoshwa sisimilo esibi le nja, khawusixele.



Abaphulaphuli beendaba nabo bayiqala phantsi loo ntsini yabo bafazi. “Ezanamhlanje emini uzivile iindaba?” ubuzile omnye umama. Kuthiwa kukho ufudo ebekusesibhakabhakeni lubhabha neentaka lwaza lwawa kodwa isimanga alonzakelanga. “Asilulo oluya bekuthiwa luboniwe?” Iya kuba lulo kodwa sisimanga eyofudo olubhabhayo.

Ucinga ukuba luwe xa bekutheni ufudo?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Kuthiwa kwezo ndaba bekufudukwa ngenxa yembalela kufunwa amadlelo aluhlaza. Phambi kokuba luqale uhambo luyaliwe ufudo ukuba lungaphazami nakancinci luvule umlomo. Kuthiwe malubambelele entongeni njengabanye aba. Lona luza kubhabhelwa lihobe nokhozi. Kumkiwe emva kuvenwe kungekho kuxambulisana.

Ingaba lwaqalwa ngemvano olu hambo? Xhasa impendulo yakho.



Ingxaki yehle apha endleleni. Esi sithathu sithe xa sidlula dolophini ithile kwakhwazwa abantu ukuba mabaphume nabasezivenkileni, nanku umhlola ufudo luyabhabha. Ube bufudumala kukucaphuka ufudo wadushulwa ngengqiniba lukhozi lwabuya lwabhabha ngathi akwenzekanga nto. Izixuku zabantu aziyekanga ukulukhwaza ufudo olubhabhayo.

EXTRACT PAGES


Kwesi sithathu sibhabhayo ucinga ukuba kutheni kuxwaxwa ufudo lodwa nje?



Kube ngcono bakudlula kuloo dolophu. Laya liqatsela ilanga lwanxanwa ufudo umqala womile. Akukuqhelanga ukusezela umoya oshushu oko umlomo ungakwazi ukuvaleka. Kuthe lusekuloo ngxaki badlula elokishini abantwana bedibene bedlala ebaleni lebhola. Bakhwazwa kubonwa lo mnqa wofudo olubhabhayo. “Hayi ke ngoku ndigezelwa nangabantwana!” latsho ufudo ngaphakathi intliziyo ilihlwili.

EXTRACT PAGES

Chonga igama eliveza ukuba wayebuhlungu ngaphakathi ufudo.




Luthe kanti sele lusitsho nangomlomo. Lwaphuncuka entongeni. Awu! Yekoko ukubhukuleka ukusuka phezulu lusihla ukuya emhlabeni. Abathethanga nelimdaka ukhozi nohobe baqhuba uhambo lwabo, yaba ngathi akwenzekanga nto. Basuka nje bayeka intonga le bekwazi nje ukuzibhabhela baqhubeka babhabha. Kwakusekude apho baya khona.

EXTRACT PAGES

Ukubhukuleka kukunika umfanekiso onjani?

Laya kutshona elaloo mini befika ukhozi nohobe kwidolophu elandelayo. Apho kwakukho umfo ongunovenkile owayethanda iintaka ezigalelela umbona nomgrayo phantsi komthi. Ihobe latya apho lasibetha sabomvu isisu. Lathi kanti sele lifumene ikhaya. Lazakhela indlu lafumana nomlingane kwamnqadi. Ukhozi yena wazibhabhela wamana exhwila amantshontsho eenkuku esitya.



EXTRACT PAGES

Xa kuthiwa, ‘lasibetha sabomvu’ kuthethwa ntoni?



EXTRACT PAGES

“Azi kwenzekani kufudo?” ubuzile uhobe kukhozi ngenye imini. Ukungaziva iziyalo kunjalo, ugqibela ngokwenzakala maxa wambi ufe. “Mina bendicela sikhe sibhabhele ngakulaa lokishi wawa kuyo ufudo mhlawumbi singakhe sive nto ngaye,” ucebise watsho uhobe ekhathazekile. “Singaya nakusasa oku kusayo,” uphendule watsho ukhozi.

Ngowuphi owabonakalisa uvelwano ngakufudo phakathi kokhozi nohobe?



EXTRACT PAGES

Kwathi kanti ufudo uncedwe ngulaa mzimba wakhe oliqokobhe. Wathatha nje ngokufihla intloko kulo wacimela. Kwathi kanti uyabonwa ngaloo makhwenkwana ayedlala apho. Wagangwa lelinye ityendyana elalicinga ukuba uyibhola. Usaphila unanamhla uhlala kwikhaya laloo nkwenkwana ufuywe khona.

Uphi ufudo sithetha nje?